

OKTOBHA 2026

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni



I-OVERSTRAND ILUNGISELELA IHLOBO ELISHUSHU NELOMILEYO

AB AHLALI BAYABONGOZWA UKUBA BASEBENZISE AMANZI NGOBULUMKO NJENGOKUBA UMNGCIPHEKO WOMLILO USANDA

Uqikelelo lwemozulu lubonisa imeko yemozulu enamandla kakhulu ye-El Niño ngexesha lehlobo elizayo, enokuzisa imeko ezifudumeleyo nezomileyo eNtshona Koloni phakathi kweenyanga ezisithoba ne-18. Iimeko ezilindelekileyo zinokunyusa umngcipheko wemililo yasendle, ngelixa imozulu efudumeleyo inokukhokelela ekusetyenzisweni kwamanzi okuphezulu. UMasipala wase-Overstrand ngoko ke ulungiselela ixesha lomlilo elinokuba lide nelinzima kwaye ujonge ngokusondeleyo iimeko zomlilo namanzi.

Njengenxalenye yamalungiselelo awo, uMasipala uhlola kwaye uqinisa izicwangciso zakhe zeenyanga zasehlotyeni. Ulawulo loMlilo, uHlangulo kunye neNtlekele lusebenzisana nemibutho efana ne-Greater Overberg Fire Protection Association (goFPA) kunye nezinye ii-arhente zokuphendula ukuphucula ukulungela, ulungelelwaniso kunye nokwabelana ngeenkukacha.

Abanini bomhlaba, abalimi kunye namashishini bayakhuthazwa ukuba basuse izityalo zasemzini, bagcine izithintelo zomlilo apho kufuneka khona, kwaye baqinisekise ukuba izixhobo zokucima umlilo ziyalungiswa kwaye zilungele ukusetyenziswa ukunceda ukunciphisa umngcipheko wemililo yasendle kwiinyanga zasehlotyeni ezizayo.

AKUKHO ZITHINTELO ZAMANZI OKWANGOKU

Onke amadama akummandla we-Overstrand asenamanzi amaninzi (phantse agcwele) kwaye ajongwa rhoqo. Nangona kungekho zithintelo zamanzi ngoku, abahlali bayakhuthazwa ukuba basebenzise amanzi ngobulumko ngoku kunokulinda iimeko zembalela.

Abahlali bangancedisa ngokulungisa iindawo ezivuzwa amanzi, ukuhlamba umzimba ixesha elifutshane, ukuvala iimpompo xa zingasetyenziswa, ukusebenzisa oomatshini bokuhlamba iimpahla okanye izitya kuphela xa begcwele, kunye nokunkcenkeshela izitya ngaphandle kwamaxesha ashushu kakhulu emini nangamaxesha amafutshane. Umthetho kaMasipala okhoyo weeNkonzo zaManzi uthi ukunkcenkeshela akuvumelekanga phakathi kwentsimbi yesi-9:00 neye-17:00, nto leyo enceda ukunciphisa ilahleko yamanzi ngenxa yomphunga ngexesha lokubashushu kakhulu emini. Abahlali baye babuza nangempembelelo yesaqhwithi soSuku lweLifa leMveli (Heritage Day) ngoSeptemba ka-2024, apho udaka oluninzi lwahanjiswa ngamanzi luvela kwiNtambo iHemel-en-Aarde. Uphando olwenziwe kwindawo yeDama iDe Bos emva kwezikhukula luqinisekise ukuba umthamo wangoku wedama yi-5,57 yezigidi zeekilolitha. Idama lisagcwele ngokupheleleyo (likwi-100% yomthamo walo).

KUJONGWA EZINYE IINDLELA ZOKUFUMANA AMANZI

UMasipala uyaqhubeka nemizamo yokwahlukahlukana kwemithombo yamanzi kulo lonke eli phondo. Izicwangciso zeziko lokukhupha ityuwa emanzini olwandle ziyahubeka, ngelixa umsebenzi kwiprojekthi yokwandisa amanzi angaphantsi komhlaba uqhubeka eHermanus nasePearly Beach.

ABANINI BEPROPATI BAKHUMBUZWA UKUBA BAGCINE INDAWO IKHUSELEKILE EMLILWENI

UMasipala wase-Overstrand ukhumbuza abanini bepropati kunye nabo banoxanduva lweendawo ezingenanto ukuba bagcine iipropati zingenazo izityalo ezikhule kakhulu kunye nezinye izinto ezinokwandisa umngcipheko womlilo osasazeka kwiipropati ezikufutshane.

Emva kokuhlolwa, iipropati ezichongiweyo njengeengozi zomlilo zinokufuneka zicocwe ngokuhambelana noMthetho kaMasipala woKhuseleko loMlilo woLuntu. Abanini bepropati baya kunikwa iintsuku ezili-14 zokusebenza ukusukela kumhla wesaziso sokucoca ipropati. Ukuba abanini abazicoci iipropati zabo ngexesha elifunekayo, uMasipala unokwenza umsebenzi, iindleko zokucoca zizezomnini. UMasipala ubongoza abanini bepropati ukuba bangalindi de kukhutshwe isaziso kwaye bagcine iipropati ezingenanto, ingakumbi ngamaxesha omngcipheko womlilo owandileyo.

Ingaba iinkcukacha zakho zonxibelelwano zihlaziyiwe?

Ukuba uMasipala ufuna ukuqhagamshelana naye malunga nokucoca isiza sakho esingenanto, kubalulekile ukuba iinkcukacha zakho zoqhagamshelwano zibe zezangoku. Jonga iinkcukacha zakho kwiSebe lezeMali ngokuthumela i-imeyili ku-enquiries@overstrand.gov.za, okanye ugcwalise ifomu yokutshintsha idilesi kwiwebhusayithi kamasipala: www.overstrand.gov.za > lifomu zeSicelo > linkonzo zezeMali.

Kwaye khumbula izilwanyana zasendle ezincinci: Ngaphambi kokucoca isiza okanye ukulungiselela uphuhliso, thatha ixesha lokukhangela amafudo, amalovane kunye nezinye izilwanyana ezincinci ezinokuba zifihlekile kwizityalo. Ukuba usebenzisa ikhontraktha, mcele ukuba ajonge izilwanyana zasendle kwaye, apho kunokwenzeka, ahambise izilwanyana kwindawo ekhuselekileyo ngaphambi kokuba kuqalwe ukucoca.

IZICELO ZEMISEBENZI KWI-INTANETHI

Okufuneka Ukwazi Ngaphambi Kokuba Ubhalise Kwi-Intanethi

Amathuba emisebenzi yexesha elithile aza kufumaneka e-Overstrand kwisithuba esiseleyo sonyaka ka-2026. Abafuna umsebenzi abanomdla kula mathuba bayakhuthazwa ukuba babhalise ngoku kwaye benze iprofayili kwiPhothali yeZicelo zoMsebenzi kwi-Intanethi kaMasipala wase-Overstrand. Oku kuya kuqinisekisa ukuba ukulungele ukufaka isicelo xa izikhundla zipapashwa.

Zonke izicelo zomsebenzi wexesha elithile, i-EPWP, iikhontrakthi zexesha elimiselweyo kunye nezikhundla ezisisigxina kufuneka zingeniswe kwi-intanethi ngePhothali yeZicelo zoMsebenzi.

Ungabhalisa kwaye ufake isicelo kwi-intanethi naphi na ngekhompyutha, iselfowuni kunye noqhagamshelo lwe-intanethi. Isikhokelo senyathelo ngenyathelo siyafumaneka kwiwebhusayithi kaMasipala wase-Overstrand ukukunceda ubhalise kwaye wenze iprofayili yakho: www.overstrand.gov.za/vacancies

Ukwenza iprofayili yakho

Yiba nezi nkcukacha zilandelayo zilungile:

- Iinkcukacha zobuqu (igama, ifani, idilesi, inombolo yesazisi/inombolo yepaspoti)
- Inombolo yerhafu ye-SARS
- Inombolo yeselfowuni esebenzayo
- Idilesi ye-imeyili esebenzayo kunye nephasiweidi yokufikelela kwi-imeyili yakho
- Inqanaba eliphezulu lemfundo
- Abantu oqhagamshelana nabo abafanelekileyo

Ukufaka isicelo sesithuba esithile

Xa ufaka isicelo sesithuba, kufuneka ube nawo onke amaxwebhu afunekayo kweso sikhundla. Amaxwebhu kufuneka abe kwifomathi yePDF ukuze akwazi ukulayishwa kwiPhothali yeZicelo zoMsebenzi.

Iindlela ezilula zokwenza iPDF:

Thatha ifoto ecacileyo yoxwebhu ngeselfowuni yakho okanye uskene uxwebhu uze uligcine okanye uliguqulele kwiPDF.

Amaxwebhu afunekayo aya kwahluka ngokuxhomekeke kwisithuba somsebenzi. Imizekelo iquka:

- I-CV ehlahziweyo
- Uxwebhu lweSazisi loMzantsi Afrika okanye ipaspoti
- Amaxwebhu okufaneleka, kuquka izatifikethi zematriki, iirekhodi zemfundo kunye nezinye izatifikethi ezifanelekileyo
- Ilayisensi yokuqhuba (apho kuchaphazelekayo)
- Nawaphi na amanye amaxwebhu axhasayo afunekayo kwisithuba somsebenzi esithile

Yiza uzilungiselele xa ucela uncdo

Abahlali abafuna uncdo ngenkqubo yesicelo somsebenzi kwi-intanethi banokutyelela iThusong E-Centre okanye naliphi na ithala leencwadi likarhulumente kuyo yonke i-Overstrand. Abasebenzi banokunceda ngokwenza idilesi ye-imeyili, ukulungiselela i-CV, ukubhalisa iprofayili kunye nokulayisha amaxwebhu.

Nceda uze ulungiselele zonke iinkcukacha ezifunekayo kunye namaxwebhu axhasayo.

Nceda ulinde **ukuya kufikela kwiyeure** yenkqubo yokubhalisa. Ukuba abasebenzi baxakekile besenza eminye imisebenzi, basenokungakwazi ukukunceda ngoko nangoko, kwaye kunokulungiselelwa idinga kamva ngaloo mini.

Kwabo bakhululekileyo ukusebenzisa iqonga le-intanethi kwaye banokufikelela kwi-intanethi, tyelela: www.overstrand.gov.za/vacancies

Isikhokelo senyathelo ngenyathelo siyafumaneka ukukunceda ubhalise kwaye wenze iprofayili yakho.

ULAWULO LWEENTLEKELE LUVUSELELA INETHIWEKHI YOKHATHALELO



ULawulo lweeNtlekele kuMasipala wase-Overstrand luvuselela iNethiwekhi yoNcedo loLuntu, intsebenziswano phakathi kwemibutho yasekuhlaleni enokubonelela ngenkxaso kuluntu ngamaxesha entswelo.

Xa iintlekele ezifana nemililo, izikhukula okanye ezinye iimeko ezingxamisekileyo zisenzeka, kunokubakho imfuneko yokutya, amanzi okusela, impahla, indawo yokuhlala yexeshana kunye nezinye izinto ezibalulekileyo. Ngelixa uMasipala eququzelela impendulo yentlekele, imibutho yoluntu, iicawa kunye namanye amaqela anokunceda ngokukhawuleza ngezixhobo kunye nenkxaso.

Inethiwekhi yokhathalelo ijolise ekuphuculeni ulungelelaniso phakathi kwale mibutho kunye noLawulo lweeNtlekele, wceda ukunikekisa ukuba uncdo olufikelela kuluntu olusengozini ngokukhawuleza. Iza kunceda ekuphepheni ukuphindaphinda kwaye iqinisekise ukuba uncdo olufanelekileyo lufika kwindawo elungileyo. Oku kunokuthintela ukuba uhlobo olunye lwento lunikelwe ngelixa ezinye iimfuno ezibalulekileyo zingafezekiswa. Iza kuphucula unxibelelwano kunye nentsebenziswano ngaphambi, ngexesha nasemva kwesiganeko.

Kuthunyelwe iileta kwimibutho esebenza rhoqo noLawulo lweeNtlekele, ibamema ukuba babe yinxalenye yeli phulo.

INETHIWEKHI IZAKUQUKA:

- Uluhlu ekwabelwane ngalo noluhlaziyeiweyo lwezixhobo kunye neenkonzo ezifumanekayo
- Iindlela ezicacileyo kunye neendawo zoncdo ngexesha leziganeko
- Iindlela zonxibelelwano ukunceda ukulungelelanisa uncdo ngokukhawuleza

Imibutho enomdla wokujoyina iNethiwekhi yoKhathalelo loLuntu okanye ukufumana iinkcukacha ezithe kratya ingaqhagamshelana noLawulo lweeNtlekele ku-028 313 8941

mcarelse@overstrand.gov.za okanye ku-028 313 5052
scoert@overstrand.gov.za



UKWAKHA OKANYE UKUCOCA?

Lumkela amalovane ethu

Kangangeminyaka emininzi, uMasipala wase-Overstrand usebenzisana ne-Whale Coast Conservation kunye neminye imibutho, efana ne-Kleinmond Nature Conservation Society, kwiipjekthi zokusingqongileyo, kuquka ukucoca ulwandle olufundisayo, iinkqubo zesikolo kunye nokuhlangulwa kwezilwanyana zasendle ngexesha lokucoca izityalo kunye nokutsha okulawulwayo.

Njengexalenye yolu budlelwane oluqhubekayo, imisebenzi yokukhangela nokuhlangula yenziwa ngaphambi kokuba kubekho ukutsha okulawulwayo ukuze kushenxiswe kwaye kufuduswe amafudo, amalovane kunye nezinye izilwanyana ezincinci zisuswe kwindawo enobungozi apho kunokwenzeka khona.

Kodwa ukujonga izilwanyana zasendle ezincinci yinto esinokuyenza sonke. Ngaphambi kokuba sicoce igadi, sisuse izityalo okanye siqale umsebenzi kwindlu entsha, thatha ixesha lokukhangela izilwanyana ezinokuba zizimele phakathi kwezityalo. Amafudo, amalovane kunye nezinye izidalwa ezincinci zinokuphoswa kwaye zonzakaliswe lula ngexesha lokucoca. Apho kunokwenzeka, zinike ithuba ngokuzifumana nokuzishenxisela kwindawo ekhuselekileyo kuqala. Akufanele silinde umthetho osixelele ukuba sikhathalele - ukukhusela izilwanyana zasendle ezisingqongileyo yinto enokwela entliziyweni. Kule nyanga, iWhale Coast Conservation ikhokela umsebenzi wokuhlangula ecaleni ko-R43 phakathi kweHermanus ne-Onrus ngaphambi komsebenzi wokwandisa indlela ocwangcisiweyo. Amavolontiya aza kukhangela izityalo ezisecaleni kwendlela ebusuku ukuze afumane amalovane angohili aseKapa, anokuba nzima ukuwabona emini. Amalungu oluntu angathanda ukunceda ayamanywa ukuba ancedise kwaye athathe inxaxheba kumzamo wokuhlangula. Abaqhubi beenqwelo-mafutha abahamba ku-R43 ngexesha likaSeptemba no-Okthobha banokubona iitotshi, oonxantathu abalumkiso kunye namavolontiya asebenza kufutshane nendlela emva kokuba kuhlile. Abaqhubi bayacelwa ukuba behlise isantya, bahlale bephaphile kwaye bangayi kuma endleleni exakekileyo. Ukuze ubandakanyeke, qhagamshelana neWhale Coast Conservation ku-028 316 2527.

